basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2011

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha angama-20.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Nceda ufunde eli phepha ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

ICANDELO A: Inoveli	(35)
ICANDELO B: Idrama	(35)
ICANDELO C: Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D: Isihobe	(35)

4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.

5. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo omNYE okhethwe nakwawaphi amacandelo amaBINI. Sebenzisa uluhlu lokukhangela ukukunceda.

6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI Phendula umbuzo ube MNYE kweli Candelo.		
INANI LOMBUZO	**UMBUZO**	**AMANQAKU**
1. *Kusa kusihlwa*	Umbuzo omde	35
	OKANYE	
2. *Kusa kusihlwa*	Umbuzo omfutshane	35
	OKANYE	
3. *Umqol'uphandle*	Umbuzo omde	35
	OKANYE	
4. *Umqol'uphandle*	Umbuzo omfutshane	35
ICANDELO B: IDRAMA Phendula umbuzo ube MNYE kweli Candelo.		
5. *Ndiyekeni*	Umbuzo omde	35
	OKANYE	
6. *Ndiyekeni*	Umbuzo omfutshane	35
ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE Phendula umbuzo ube MNYE kweli Candelo.		
7. *Ndakuyicel'ivuthiwe*	Umbuzo omde	35
	OKANYE	
8. *Ndakuyicel'ivuthiwe*	Umbuzo omfutshane	35
ICANDELO D: ISIHOBE Phendula nayiphi imibuzo emiBINI kweli Candelo.		
9. Amazwi obulumko	Umbuzo omfutshane	17½
	OKANYE	
10. Umhlobo wenene	Umbuzo omfutshane	17½
	OKANYE	
11. Imoto eqhineni	Umbuzo omfutshane	17½
	OKANYE	
12. Imingcunube	Umbuzo omfutshane	17½

ULUHLU LOKUKHANGELA

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A: INoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	1 – 4	1	
B: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	5 – 6	1	
C: Amabali amafutshane (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7 – 8	1	
D: Isihobe	9 – 12	2	

QAPHELA: Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi iCandelo kula, A, B, noC. Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCandelo D.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

***Kusa kusihlwa* – KS Bongela**

Bonisa impixano ekhoyo kule ncwadi kwaba balinganiswa balandelayo:

A Nomakhwezi
B Lungile
C Mpumelelo
(190 – 240 amagama) **[35]**

OKANYE

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***Kusa kusihlwa* – KS Bongela**

ISICATSHULWA A

2.1 Funda ngocoselelo isicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

"Awu, madoda, le nto ikukufa yinto yokwenzani? Ithini ukuthi xa ifikile itsho ngento embi enje? Yini Bawo, ukutshayela umzi wonke ngaxesha–nye ngolu hlobo? Thixo wamazulu, yinto eza kuthiwani le? AsingoLungile Ntsibande lo ukule moto? Asiyonkosikazi yakhe kodwa le? Asilulo olu hambo ebendixelela ngalo izolo oku?" ubuzile umqhubi wenqwelo yezigulana kwelaseStanger ukubuya kwakhe akufika aqwalasele amanani ophawu lwemoto kaLungile. Kaloku ikhaya lakhe liseMlazi kufutshane nomzi kaLungile. Uyayazi yonke into ngoLungile.

"Awu, Nkulunkulu besekutheni? Ndiyaphupha kusini?"

Ngeli xesha umlilo ubusewucinyiwe ngabomlilo, amapolisa ecubungula iintsalela zabafi. Uninzi lwabantu ababefika apha belusuka luzithulule iinyembezi lwakufika kulo mbono mbi kangaka ingakumbi kwababaziyo abafi.

2.1.1 Ngubani lo uthethayo apha? (1)

2.1.2 Xela igama lomntu omNYE kubantu abasweleka kule ngozi. (1)

2.1.3 Imibuzo buciko ibonisa ukuba lo mntu uthethayo ukweyiphi imo? (2)

2.1.4 Ingaba ubukhwele bukaNomakhwezi bungunobangela wale ngozi? Xhasa impendulo yakho? (2)

2.1.5 Ibangelwe yintoni le ngozi? (2)

2.1.6 Le ngozi yabuguqula njani ubomi bukaMpumelelo? (2)

2.1.7 Xela igama lendawo lo mfo amazela kuyo uLungile nenkosikazi yakhe. (1)

ISICATSHULWA B

2.2 Funda isicatshulwa uze uphendule imibuzo oyinikiweyo.

"Lusatshana lukaPhalo, ixesha elikhoyo namhlanje lithi makusetyenzwe ngamandla kungadlalwa. Akukho sizwe sakha safika encochoyini yempucuko singakhange sibile, sixozeke, sishikixeke. Ndithi ndakuphosa iliso kule nyambalala ikule ndlu **ndizive ndisikwa yinimba** kuba apha phambi kwam kuhleli amagqwetha, iititshala, abongikazi, oosomibane, abakhandi beemoto, abenzi beendlela neebhulorho, abakhi, abalimi mhlawumbi nabaphathiswa micimbi yobuRhulumente bangomso. Kodwa ezi zinto azingekhe zibekho xa nathi singaziboni naxa sinamehlo. Xa nditshoyo ndithetha ukuthi apha phakathi kwethu, njengoko ndidla ngokuva sincokola, kukho abacinga ukuba eyona misebenzi iphambili nengafundelwa ngumntu bubutitshala, ukubhala, nobongikazi kuphela. Njengoko ndisuka phaya eThekwini, naseKapa, ndithe ndakuphosa iliso, ndabona ukuba zininzi iintlanga ngaphandle kwethu, ezinemisebenzi eyintaphane eziyenzayo, kude kugqithise kwezorhwebo."

"Nathi, Mzi oNtsundu, sifikelele kwithuba lokuba sibufumane ubuncinane bezi zinto zifunyanwa zezinye izizwe neentlanga. Masizikhongozele ngamxhelo mnye, sizisebenzise ekwakheni uhlanga esilulo. Makufundwe madoda kuba namhlanje abantu bakowethu bafuna iinkcuba-buchopho zize kusingatha esi sitya sisikhongozeliswe nguRhulumente wethu. Nditsho ndiliphinda elithi, impumelelo yethu isezandleni apha kuthi.

2.2.1 Ngoobani aba kubhekiswa kubo xa kusithiwa lusatshana lukaPhalo? (1)

2.2.2 Kwenzeka ntoni apha ngale mini? (2)

2.2.3 Umbhali ukhankanye izinto zantathu ezifunekayo ukuze ufikelele encochoyini yempucuko. Nika zibe mBINI kuphela. (2)

2.2.4 Igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi esicatshulweni lithetha ukuthini? (2)

2.2.5 Ibinzana elibhalwe ngqindilili esicatshulweni liqulethe ntsingiselo ni? (2)

2.2.6 Nika iindidi zemisebenzi ezikhankanyiweyo kwisicatshulwa zibe mBINI kuphela. (2)

2.2.7 Ingaba le ntetho yesithethi kwisicatshulwa iyakhuthaza okanye iyaphoxa? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

ISICATSHULWA C

2.3 Funda esi sicatshulwa uze wandule ukuphendula imibuzo engezantsi.

"He kakade, Sizwe, mfo wam, waqala nini ukundigabangxa xa uthetha nam? Undilibele ukuba khehle, ndingumkhuluwa wakho? Wenziwa yile nto yokuba sendifike uphephezelisa iindevu ngathi yinjana ibaleka neentsiba zenkukhu. Asikho ngoku seyinini abadala kulo Mashu. Senindyondyozelisa amazwana xa nithetha nilinganisa iikati zisenza ingodlo nifuna kuthiwe 'A, khehle' xa kudlulwa kuni zezi ntwazana. Kwekhu, inene ..."

"Tyhini, madoda, hi Mpumelelo kwedini, uyayiqonda nyani into yokuba ndimdala, ndiyintanga kayihlo? ... " Uthe engekagqibi waphendula uMpumelelo.

"Hayi suka, man Sizwe, yiba neentloni ngabantu abakhulu aba sihleli nabo. Indawo yokuqala andiyazi nale nto yokuba ndifundekelwe ngamakhwenkwe bekhona abantu abakhulu. Khawundiyeke ndithethe nabantu abadala. Tatomncinci, niphilile, Jwarha?" Loo mpilo iphendulwe emva kwesiqhazolo sentsini ebesikule moto, kuqhulwana.

Kuthe xa liza kutshona ilanga, sebemkile nabantu, uMpumelelo wakha wathabatha imoto ukuya emangcwabeni abazali bakhe. Ufike wawa ngedolo phezu kwawo. Wenze umthandazwana omfutshane, wawajonga ngoqwalaselo olukhatshwa ziingcinga. Wayecinga into yokuba kanene ukuba ibingeyiyo into yokufa, ngeba namhlanje abazali bakhe bavuyisana naye akuba egqibile ukufunda, laa nto kanye uyise wayemyalele ukuba makayenze. Kwakusele umyalelo omnye ngoku, lo wokuba aze asebenze. Kambe wena mhlaba uyafihla.

2.3.1 Indlela aba bantu abathetha ngayo ibonisa ukuba:

A Ngabahlobo
B Ziintshaba
C Abamelwane (1)

2.3.2 Igama elithi, "khehle", liyaphoxa okanye liyancoma? (1)

2.3.3 Chonga isafobe kweli binzana: "… sendifike uphephezelisa iindevu ngathi yinjana ibaleka neentsiba zenkukhu". (1)

2.3.4 Nika intsingiselo yebinzana, "Senindyondyozelisa amazwana …" (2)

2.3.5 Wafika wenza ntoni uMpumelelo emangcwabeni abazali bakhe? Xela izinto zibe mBINI. (2)

2.3.6 Wafikelwa yingcinga ethini akuwajonga la mangcwaba? (2)

2.3.7 Xela imiyalelo emiBINI eyashiywa nguyise kaMpumelelo. (2)

[35]

OKANYE

UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)

***Umqol'uphandle* – PM Ngani**

Umxholo wale ncwadi utyhila ukuba akukho nto ifihlakala kuphele. Ngqina oku ngale noveli. (190 – 240 amagama) **[35]**

OKANYE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***Umqol'uphandle* – PM Ngani**

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

"Akayanga kule bhayaskophu ayithanda kakhulu," uphendule ngelo uLinda, esemqheleni omnandi.
"Uye nabani, ulapha nje?"
Kweso sithuba, kungenelele omnye umrhangqolo okwancwasileyo: "Uhamba nalaa ntokazi yakhe lowo. Kunjalonje, wena Linda, uyazilibazisa ngalo dlalani unguEddie. Uzilibazisa ngomntu othe saa phandl' apha, sikho-sizizithuba ezifuna ukuzaliswa."

"Ssh!" itsho ngeliphantsi intwazana yabantu–seyingasahlabeki ngoku: "Myekeleni kum uEddie lo; ndiza kumlungisa ngokwam. Ndiyekeni khe ndiziyele endlwini yam, khe ndokubona emandiyenze ngesiqu sam. Okwanamhlanje, ndisafuna ukumcima engqondweni uEddie. Kunjalonje, ngathi indincedile le nto yenu." Utsho ephakama uLinda.

"Mandikukhaphe. Kutheni ingathi sowumi kakubi nje?" kutsho omnye wabancwasi, eqonda ukuba intokazi le seyishukuma ngamandla.
"Ndisemi kakuhle wena, bhuti," uzithemba watsho uLinda.
"Uzulale kakuhle ke, sisi. Uzundixelele into ocinge ukuyenza ngalaa ntwana ngomso, nhe?"

4.1.1 Uwabhekisa koobani uLinda la mazwi? (1)

4.1.2 Bathetha bephi? (1)

4.1.3 Lo Eddie kuthethwa ngaye uyintoni kuLinda? (1)

4.1.4 Yintoni ebangela ukuba uLinda azincame abekule ndawo akuyo. (2)

4.1.5 ULinda wayengaqali ukusela utywala. Yinyani/Ayiyonyani, xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.6 Chonga isivakalisi esibonakalisa ukuba uLinda wayemsongela uEddie. (2)

4.1.7 Yintoni eyayibangela ukuba uEddie angafuni kuphoswa ngulo mboniso wawuboniswa ngale mini? (1)

4.1.8 Ingaba ngenene utywala buyazicima iingcinga ezibuhlungu? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.9 Yintoni ebangela ukuba kuthiwe uEddie ngudlalani? (2)

4.1.10 Xela izinto zibe nTATHU ezabangela ukuba uLinda akrokreleke njengombulali ka-Eddie. (3)

4.1.11 "Kutheni ingathi sowumi kakubi nje?" Ithetha ukuthini le ntetho ngokwalapha kwisicatshulwa? (2)

4.1.12 Ucinga ukuba kwakutheni ukuze uLinda azigulise angafuni ukuya kubukela umboniso bhanyabhanya noEddie? (2)

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Phakathi kwaloo ntswahla, kwakhwaza wamnye: "Bonani naantso ivolovolo!"
Kulandele omnye: "Naantso incwadana yokuthatha amanqaku!"
Elilandelayo ilizwi libe phantsi, liyithunga indlu ukugqithiswa kumntu ngamnye owayelapho: "Ngumcuphi! Ngumcuphi!! Ngumcuphi!!!"
Emveni koko, abe maninzi amazwi, ephuma kwiingxingwa ngeengxingwa zaloo ndlu, nakwimilomo ngemilomo: "Lumkani! Lumkani!!"

Kuthe xum ngephanyazo; yaseso sizungu senzolo eyayimana iphazanyiswa, emva kweziqabu ezinomxhino, ngusebesebe wentetho ethethelwa ezindlebeni ukusuka komnye isiya komnye. Ngalo lonke elo xesha, njengoko ethe tywaa umfo wakwaHlobo, wayemanzi tixi kukudana, seleqonda naye ukuba umqol' uphandle. Uthe khwasu kancinci, wazicholachola ngomsindo ezo zinto zazingunobangela wokudula kwakhe.

4.2.1 Xela le ndawo uHlobo akuyo. (1)

4.2.2 Chonga ibinzana apha kwisicatshulwa elibonisa ukuba kwathi cwaka ngesiquphe. (1)

4.2.3 Kwakunjani kule ndlu wayengene kuyo okaHlobo? (2)

4.2.4 Xela isafobe esisetyenziswe apha kweli binzana. " … wayemanzi tixi kukudana, ..." (2)

4.2.5 Intetho ethi, "umqol' uphandle", ithetha ukuthini ngokwalapha kwesi sicatshulwa? (2)

4.2.6 Zintoni ezi uHlobo wavuka wazicholachola apho? (2)

4.2.7 Isifanekisozwi u-tywaa sinika umfanekiso-ngqondweni onjani? (2)

4.2.8 Kwakutheni ilizwi livakale lisebeza xa lithi "umcuphi". (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

***Ndiyekeni* – DM Jongilanga**

"Ubomi ngumxube wezothuso namayeyeye." Ngqina la mazwi ngokuthi ujonge iziganeko ezithe zehla kulo mdlalo.

Ngqiyama ngezi ngongoma zilandelayo:

A UNdila uphelelwa ngumsebenzi.
B UMawonga uyasela ade aphelelwe ngumsebenzi.
C Ubunkokheli obufe amanqe bukasihlalo wekomiti yesikolo.
D Amanenekazi aseMdantsane nendlela aziphethe ngayo.
(190 – 240 amagama) **[35]**

OKANYE

UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***Ndiyekeni* – DM Jongilanga**

ISICATSHULWA A

6.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Jekwa:	Mhlalingaphambili, kudala siquq'apha sixhoba sifohlela sixel'igqirha limbulula. Siwabophile amaxonya akabopheka – kwanele. Uthini yena lo mfana namhlanje? Makhe sive ngaye.
Madala:	Khawusiphakele mfo kaNdila.
Ndila:	Ndiyavuma ukuba ndiyaginya, kodwa ke ayikho le yokuba ndiginya ngexesha lesikolo.
Loni:	Ushushu ngoku.
Madala:	Kahle, titshala, aninakuphendulana ngolu hlobo. Ubusathini mfo kaNdila?
Ndila:	Ndigqibile nkos`am.
Jekwa:	Mhlalingaphambili, kudala siquqa apha kudala ndisitsho. Uyabona mna ndiyanxanwa gqitha kodwa owam umntwana andifuni tu ukuba afundiswe linxila elifana nam.
Madala:	Hlala phantsi Mnu. Jekwa. Ubushushu bobuyatha budla ngokuwona umcimbi onje.
Jekwa:	Uyandithuka?

Madala: Nakanye nkos'am. He! Malungu ekomiti nivile ke, nawaphulaphula amacala omabini.
Ngabantwana benu aba baxabana ngezesikolo. Sihlala intlalo yethu apha yokubonelelana nokuvelana mhla ngengxaki. Phambi kokuba niphendule, sizazi izisu zenu, makhe ndibuze le mibuzo: Siyaqala na ukubona ititshala eselayo ngale? Andithi zisela mfuleni mnye zonke? Siza kudiliza udonga lwale, sishiye olwayiphi? UmntakaNdila ezalwa ekhay'apha nje uchukelwa ngokuba kutheni? Nithi makaye phi, asebenze phi? Andithi igeza libotshwa kowalo? Hee!

6.1.1 Ngubani umhlali ngaphambili kule ntlanganiso? (1)

6.1.2 Chonga ibinzana elithetha ukuba kukaninzi besiza apha. (1)

6.1.3 Uthetha ukuthini uNdila xa esithi, "Ndiyavuma ukuba ndiyaginya …"? (2)

6.1.4 Nika isithethantonye segama, "ushushu", kumgca wesixhenxe apha kwisicatshulwa. (1)

6.1.5 Nika amagama aba bantu athi uMadala mabangaphendulani. (2)

6.1.6 Aba bantu ubakhankanye ku 6.1.5, yintoni le baphikisana ngayo? (1)

6.1.7 Ingaba kubantwana besikolo iNobutho bakho abanolwazi ngokusebenzisa kweetitshala zabo iziselo ezinxilisayo? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.8 UMadala uvakala engakwicala likaNdila. Kubangelwa yintoni oku? (2)

6.1.9 Cacisa intetho kaMadala ethi: "Ubushushu bobuyatha budla ngokuwona umcimbi onje". (2)

6.1.10 "Siza kudiliza udonga lwale, sishiye eleyiphi?" Cacisa le ntetho. (2)

6.1.11 Yagqiba kwintoni le komiti ngekamva likaNdila? (2)

6.1.12 Wasamkela okanye wasiphikisa kusini na isigqibo sekomiti utitshala? Xhasa impendulo yakho. (2)

ISICATSHULWA B

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ndila:	Mfondini! Ndirhoxile emsebenzini namhlanje ngenxa yeemeko.
Nonceba:	O! Uthini na Dicksie? Akuqhuli? Iyawa nguMawonga?
Zingiwe:	Kudala ndimxelela uDicksie ukuba ukukhonza uMawonga kukubusa nokumilisela ubukumkani beempukane.
Nonceba:	Suka wethu, akuphilwa ngasikolo sodwa. Zisaqhuma iitshimini phaya eMonti. Niphi na nina Sammy xa uDicksie esiwelwa ngumgodi?
Zingiwe:	Baphi ntoni na ingamahlakani kaMawonga nje lawo?
Maziko:	Kanti ukuba benisazi! Ndixhaphe ndisom'amagwebu ndicamagusha, ndafa namthanyana. Ngapha koko uDicksie uxhelwa ngumntu onezakhe izishiqi, koko azinamneki-lucingweni.
Zingiwe:	Unyanisile Sammy. Makungalalwa. Abasayi kuze batye amanzi abam abantwana. Ndakumenza azi ukuba inkwali iyakwazi ukuphandela enye ingenathole.
Maziko:	Kanti unyanisile ingathi uyadlala nje. Eli lizwe alifuni nkenenkene. Ukuba indoda ikutshisa ngesomnga isikhuni yityabule nayo ngentsimb`ebomvu.
Zingiwe:	... Laa ncukuthu uMadala iza kuyihlanza imali yabantwana bam.

6.2.1 Le ncoko yaba bantu iqhubeka phi? (1)

6.2.2 Kuthetha ukuthini ukuthi, "… ukukhonza uMawonga kufana nokubusa nokumilisela ubukumkani beempukane"? (2)

6.2.3 Xa uNonceba esithi uDicksie uwelwe ngumgodi uthetha ukuthini? (2)

6.2.4 Ucinga ukuba uZingiwe unyanisile okanye uyaphosisa xa esithi:

"UMaziko ngomnye wamahlakani kaMawonga?" Xhasa impendulo yakho. (2)

6.2.5 Khetha isaci esithetha, "ukungaphumeleli entweni obuyenza". (2)

6.2.6 Ngubani lo mntu athi uMaziko unezakhe izishiqi? (1)

6.2.7 UZingiwe ubunjwe wangumlinganiswa onjani? (1)

6.2.8 "Ukuba indoda ikutshisa ngesomnga isikhuni yityabule nayo ngentsimb`ebomvu". Cacisa le ntetho. (2)

6.2.9 Yintoni ebangela ukuba uZingiwe asebenzise amazwi arhabaxa athi, "…uMadala uza kuyihlanza imali yabantwana bam?" (2)

[35]

AMANQAKU ECANDELO B: 35

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

***Ndakuyicel'ivuthiwe* – LL Ngewu & EZ Guqa**

Umntu akalahlwa

Umntwana akona akalahlelwa zandla koko ufuna ukuncedwa nokunqwanqwadwa agqibele elulutho. Ngqina oku ubhekiselele kwiintombi zikaMathidala kwibalana, "Umntu akalahlwa". (190 – 240 amagama)

Ngqiyama ngezi ngongoma zilandelayo:

A Ukugxothwa kweentombi zontathu.
B Ukuwa phantsi kukamalume ezithethelela.
C Ukuzimisela kwazo ukuba zibe lulutho. **[35]**

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***Ndakuyicel'ivuthiwe* – LL Ngewu & EZ Guqa**

8.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Kanti andizenzanga

Amakhwenkwe elali yakowabo eSikhobeni akhe ambizela imbizo lo nyana kaXhalabile ngeenjongo zokumngxolisa ngokunqaba kwakhe kwiimbizo neentlanganiso zamakhwenkwe. Uye emadol' anzima kule mbizo kuba esazi ukuba incinci into emdibanisa nezi nkewu. Kuthe kanti akusiyo mbizo nje le, koko lityala ngobutyala balo. Isityholo abekwe sona ibe sisityholo sokusoloko ephakathi kwamantombazana. Akadananga lo mfo akuhliwa entloko ngolu hlobo, koko uthethele phantsi ebuza ukuba ukuzibandakanya kwakhe namantombazana yinto eyonani leyo. UThembelani ukhawuleze wamtyityimbisela umnwe emthembisa ukumhlaba impama, koko ummangalelwa woyikise ngelithi unina angabhinqela phezulu ukuba nje angeva ukuba wehliwe ngempama ngumntu angazalaniyo naye. La makhwenkwe athethe ophela, phofu ethetha izinto zasendle kucaca ukuba lo mfo amkhupha ekhaya amfaka kubom bobundladiya nobundlavini basendle. Ugoduke apho engenabhongo, ebhokoda ebhejile ukuba soze aphinde abe nanto yakwenza nezinjalo izibhovubhovu.

Amakhwenkwe elali athande ukumphatha kakubi lo mfo phofu kubonakala ukuba anxuse ukuba naye aziphathe kakubi, nto ke leyo ebengahambisani nayo uMntuyedwa. Babezama ngandlela zonke ukuba ade angene aphelele kwisikolo sokuqaqadeka, kodwa umfo kaXhalabile uzame ngandlela zonke ukuchasela angaqheliseli nokuqhelisela oku. Ebenentlondi amakhwenkwe aseSikhobeni, into ke leyo ebengayingenanga uMntuyedwa.

8.1.1 Yayiyintoni isizathu sokuba amakhwenkwe elali ambizele imbizo uMntuyedwa? (2)

8.1.2 Yintoni eyayimenza ukuba abe madol'anzima ukuya kuloo mbizo? (2)

8.1.3 Xela isityholo awabekwa sona kule mbizo. (1)

8.1.4 UMntuyedwa akazange aziphendulele kwisityholo aweyebekwa sona ngamakhwenkwe aseSikhobeni. Yinyani/Ayiyonyani? Xhasa impendulo yakho. (2)

8.1.5 Ngokwalapha kwisicatshulwa yayiyintoni injongo yala makhwenkwe ngokuphatha kakubi uMntuyedwa? (2)

8.1.6 Sigqibo sini awasithathayo uMntuyedwa endleleni egodukayo? (2)

8.1.7 Ingaba isenzo sala makhwenkwe sokuxoxisa uMntuyedwa ngokuzibandakanya kwakhe namantombazana sasilungile? Xhasa impendulo yakho. (2)

8.1.8 Amadoda ayemthethelela uMntuyedwa. Uyavumelana okanye akuvumelani? Xhasa impendulo yakho. (2)

8.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Izibhovubhovu zaseBhayi

Kudala amadoda aseDikeni akha abudela ubudoda bawo, ephethwe kakubi zizibhovubhovu ezazivela eBhayi ezazingena emzini wendoda zinyalasa okwenkunzi yemfene, zithathe loo nto ziyifunayo umninimzi esong'izandla okomntu oshiywe ngumbombela. Ezi zikrelemnqa kuyacaca ukuba iDike le zaziyikhethe ngokuqonda ukuba amakhumsha asibantu bathanda ukulwa, koko ngabantu abachitha ixesha elininzi iingqondo zabo zibethabethana ngonobangela wesimo esinxaxhileyo. Ezinye izifundiswa zazikhalazela ukunqaba kwemisebenzi njengonozala wobundlobongela.

Bezikho nebezigxeka ukunwenwa kweemfundiso zomfo onguKarl Marx. Kwangaloo nyaka amadoda athile ebexolela ukuphuma neentsapho zawo aye kuchitha impela veki kude endaweni yokunyamezela ukoxuthwa ngolunya kwezinto azisebenzele nzima. Indoda ibixolela ukuthi kuqhekezwe emzini wayo ingekho, kunokuthi zithathwe izinto zayo ijamile, kuba ingabunjwanga ngomdongwe olubumba izijama – nkungwini.

Iqhubekile into imbi indoda inyamezele ukuqamela ngenqindi. Nakuba amadoda ayenxunguphele nje, ayengayekanga ukubhobhozela abafazi bawo

ngelithi wona aneziqinisekiso zemfundo, yaye into efana nokulwa engazanga ayiyele esikolweni. Indoda yayisithi into yokulwa ngumcimbi wamaqaba. Amanye amadoda ebezixolisa ngelithi izinto ezithathwe ngolunya azinamsebenzi kuba zathi ukuze zibekho azisebenzela. Ebekho ke nalawo ebexolele ukuyishiya loo dolophu yaseDikeni akekelele kwiindawo ezifana naseMdizeni naseDimbaza.

8.2.1 Cacisa le ntetho ithi, "… akha abudela ubudoda bawo". (2)

8.2.2 Izibhovubhovu ngabantu abanjani? Khetha kwezi zilandelayo:

A Abatyebileyo
B Izikrelemnqa
C Abafundileyo (1)

8.2.3 Khetha isafobe uxele nodidi lwaso kweli binzana … zinyalasa okwenkunzi yemfene. (2)

8.2.4 Kwakutheni ze bakhethe ukwenza lo mkhwa eDikeni? (2)

8.2.5 Yayiyintoni unobangela wobu bundlobongela? (1)

8.2.6 Xela into ebeyenza amadoda ukuze angabuboni obu bundlobongela. (2)

8.2.7 Ingaba uyayingqina intetho ethi, ukulwa yinto yamaqaba? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

8.2.8 Kweli xesha siphila kulo ucinga ukuba inyathelo elilungileyo leliphi ngobu bundlobongela? (2)

8.2.9 Xela isizathu esabangela ukuba sithi esinye isikrelemnqa sele sibanjiwe ityala laphela esithubeni. (2)

8.2.10 Ngubani indoda eyakhulula amadoda aseDikeni kwezi zibhovubhovu? (1)

8.2.11 Wenza ntoni lo mfo ukuwakhulula kule ngxaki? (2)

8.2.12 Saphelela phi esi sibhovubhovu? (1)
[35]

AMANQAKU ECANDELO C: 35

ICANDELO D: ISIHOBE – *VUKANI MADODA KUSILE*

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI.

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

AMAZWI OBULUMKO – VL Mabinza

1 Yivani ndiniphakele amazwi obulumko,
2 Khon' ukuze niluphumelele ugqatso lobomi.
3 Yibani ngabantu abanesimo nesimilo
4 Yibani nomonde wokuzondelela ningatyhafi,
5 Khuthalani ninokunyameka nokunyamezela.
6 Thantamisanani ninokuvelana nokuncedana
7 Khon' ukuze nibe nokuphumelela.
8 Omnye komnye, yibani nokuthobeka,

9 Lahlani ikratshi nokuzicingela,
10 Yibani banye nithandane nonke.
11 Zilahleni iinkcuku nobuhlanga,
12 Nibe novelwano omnye komnye.
13 Yenzani njalo ke niziintlanga nonke,
14 Kub' igazi lenu linye xa ninonke.

9.1 Loluphi udidi lombongo olu? Xhasa impendulo yakho ngezizathu eziBINI. (3)

9.2 Kuthiwa yintoni imiqolo yokuqala esi-8 kulo mbongo? Khetha kwezi zilandelayo:

A Sesthethi
B Fothevi
C Okhthevi (1)

9.3 Isivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kumhlathi wokuqala, siphuhlisa ntoni malunga nentlalo yabantu? (2)

9.4 Umntu onekratshi ngumntu onjani? (2)

9.5 "Khuthalani ninokunyameka nokunyamezela." Kwesi sivakalisi imbongi isebenzise:

A Undindwano
B Isingqisho
C Zombini ezi zingentla (1)

9.6 Ibhalwe njani imvanosiphelo kwimigca emi-6 yokugqibela? Khetha kwezi zilandelayo, ubhale unobumba kuphela ecaleni kwenombolo yombuzo.

A a b c d b b
B a b c d e e
C a b c d e f (½)

9.7 Cacisa la mazwi embongi athi, "Omnye komnye, yibani nokuthobeka". (2)

9.8 Ithini intsingiselo yemiqolo emithandathu yokugqibela? (2)

9.9 Uthini umxholo walo mbongo? (2)

9.10 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? (2)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UMHLOBO WENENE – M Kebeni

Kukho nto ithile ndiyithanda kunene,
Le nto ingumhlobo wenene;
Ongenakuhlekisa ngeengxaki zam,
Othi ndihlelwe yinto avelane nam.

Iintlupheko zam zaziwe nguye,
Intlungu yam ndiyiphalaza kuye;
Uncedo endilufunayo uyandinika,
Nento emhluphayo uyayibika.

Uyandicebisa xa endibona ndiphuma endleleni,
Andikhuphe xa ndeyel' emgxobhozweni
Akandiqhwabeli zandla xa ndisiy'eliweni,
Ndoqabela emagxeni akhe xa nditshon'ezindongeni.

Mandihlabeke ndawen'ithile andikhoth'amanxeba,
Ayibophe intliziyo nkqi ngathi ibotshwe ngomnxeba,
Ukuze ndingakuva ukuqaqamba kwenxeba ,
Lithi nqum ngathi litywinwe ngomthwebeba.

Uyandikhaphela kwindlela eziya kubulungisa,
Andithi chu ngesandla ukuya kwampumelelo,
Endikhuthaza, "umzingisi akanashwa"
Ndohamba de ndiye kwayiwayo.

Uyandikhuthaza kwimizamo yam,
Andomeleza xa ebon'inkqubela,
Ungumthuthuzeli wentliziyo yam,
Engumomelezi wengqondo yam.

10.1 Khetha imvanosiphelo efumaneka kwisitanza soku-1 kwezi zilandelayo. Bhala unobumba kuphela ecaleni kwenombolo yombuzo.

A a b a b
B a b c c
C a a b b (½)

10.2 Xela izinto zibe mBINI ezikhankanyiweyo kwisitanza sesi-3 aluncedo ngazo umhlobo wenene. (2)

10.3 Ithini imfundiso yalo mbongo? (2)

10.4 Cacisa ngamazwi akho ibinzana elithi, "… andikhoth' amanxeba". (2)

10.5 Sesiphi esi safobe sisetyenzisiweyo. "… ngathi ibotshwe ngomnxeba." (1)

10.6 Loluphi udidi lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

10.7 Isifanekisozwi esikrwelelwe umgca ngaphantsi siphuhlisa ntoni ngalo mhlobo wenene. "Andithi chu ngesandla ukuya kwaMpumelelo", (2)

10.8 Chonga isafobe esisetyenziswe kwisitanza sesi-5, wandule uxele udidi lwaso. (2)

10.9 Ingaba kulungile na ukuphalaza iingxaki zakho komnye umntu? (2)

10.10 Intetho ethi: "Ongakwaziyo nokugcina nentw'enye," ibhekiselele kumntu onjani? (2)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

IMOTO EQHINENI – MM Duka no M Sondlo

1 Ungumnqantsa onzima,
2 Wena mmango ndini!
3 Unditsho ndixhuzule
4 Okoqhawukayo;

5 Ndikhefuzele
6 Okoxinwe ngumbefu;
7 Kutshise nesifuba;
8 Ndiphethwe liphika;

9 Kodw'uyakuncama
10 Andizikutyhafa;
11 Ndazi kamhlophe
12 Umzingisi akanashwa;

13 Kad'inzondelelo
14 Izal'impumelelo;
15 Ibuy'impumelelo
16 Izal'impumelelo

17 Yayisitsho k'imoto
18 Inyuka iqhina;
19 Ifunzele phambili
20 Apho iyayo.

11.1 Isitanza sesi-2 sinika owuphi umfanekiso ngqondweni? (2)

11.2 Sesiphi isafobe esisetyenziswe kulo mbongo xa uwonke? (2)

11.3 Bhala isifaniso esikwisitanza sesibini. (1)

11.4 Cacisa ngamazwi akho umbhali azama ukusixelela kona kwistanza sesi-3. (3)

11.5 Kutheni umbhali esebenzise uphindaphindo kumqolo we-14-16? (3)

11.6 Ithini imfundiso yalo mbongo? (2)

11.7 Ucinga ukuba kutheni umbhali esebenzise isimamva u "ndini" kumqolo wesibini kwisitanza sokuqala? (2)

11.8 Imoto enyuka eqhineni ifana njani nomntu ophethwe liphika? (2)

11.9 Loluphi udidi lombongo olu? Khetha kwezi mpendulo.

A Yindumasiso
B Sisimbambazelo
C Ngumbongo-nkcazo (½)

[17½]

OKANYE

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo uze wandule ukuphendula imibuzo engezantsi.

IMINGCUNUBE – M Huna

Hay'ubuhle benu mithindini!
Niluhlaza kanye ngokwenene.
Amehl'aziv'ephumla akunijonga,
Nibe nina niziyekelele ngokwenene
Nenziwa ziintloni okanye ngamabhongo na?
Kwowu! Hayi noko; ingekuko nina.
Ninj'ukuba nothando!

Ninothando kuba niyizolele indalo yonke;
Amahobohobo aphumla kuni nonke;
Ikwangaw'akhayo emaseben'enu;
Ninothando, kuba nomhamb'uphumla phantsi kwenu,
Aphozis'ubushushu kumthunz'obandayo wenu.
Ninothando, kuba ngasemanzini kukuma kwenu.
Ngokunjalo ke nembeko ninayo.

Ninembeko nakuw'umoya:
Nangon'unithetha unibhekise ngapha nangapha,
Anilukhunanga ngokwemith'emidala-
Niyawuthobela ngembeko ngapha nangapha.

Mingcunube! Imilamb'imihle nje nini.
Kodwa ke nina aniziqhayisi-
Nihleli loo ntlalo yokuzithoba nanamhla.

12.1 Iphuhlisa ntoni intetho ethi, "Amehl'aziv'ephumla akunijonga", ngokwalapha embongweni? (2)

12.2 Khetha umbuzo buciko osetyenziswe yimbongi kwisitanza soku-1. (1)

12.3 Xela izinto ezimBINI ezikhankanyiweyo kwisitanza sesi-2 eluncedo ngayo imingcunube. (2)

12.4 Uphindaphindo lwebinzana u"ngapha nangapha" kwisitanza sesi-3, luphuhlisa ntoni ngemingcunube? (2)

12.5 Ngokwalo mbongo imingcunube ineempawu zobuntu, khankanya zibe nTATHU. (3)

12.6 Nika umongo walo mbongo. (3)

12.7 Chonga isivakalisi kwisitanza sesine esibonisa ukuba imingcunube ayidliseli ngobuhle bayo. (1)

12.8 Sisiphi isafobe esisetyenzisiweyo kulo mbongo xa uwonke? (1)

12.9 Ingaba ithini imfundiso yalo mbongo? (2)

12.10 Khetha imvanosiphelo efumaneka kwisitanza sesi-2 kwezi zilandelayo. Bhala unobumba kuphela ecaleni kwenombolo yombuzo.

A a a b b b b c
B a b c c d b c
C a a b b c c b (½)

[17½]

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70